IMIBUZO EBUZWA RHOQO ENGONCEDO LOKUTYA

STOP UKUNWENWA KWALE NTSHOLONGWANE

15/04/2020

Ngubani onoxanduva lweepasile zokutya?

Ngokomthetho ojongene nentlalontle iSocial Assistance Act, iArhente yoKhuseleko lweNtlalo yaseMzantsi Afrika (uSASSA) yi-arhente ekhokelayo ekunikezeleni ngenkxaso kwabo bahluphekayo, kuquka nokubonelela ngeepasile zokutya. Siye sacela ukuba uSASSA aphinde azivule iiofisi zakhe, ebezivalwe ngurhulumente kazwelonke ngomhla wama-30 kweyoKwindla 2020.

Iqela leeNGO, amakhitshi esuphu oluntu, imibutho yezenkolo, imibutho esekelwe kuluntu, kunye neenkampani zabucala zibonelela ngokutya kuluntu oluhlelelekileyo ngaphandle kokuncediswa ngurhulumente.

ISebe loPhuhliso loLuntu eNtshona Koloni liza kubonelela ngeepasile zokutya ezingama-50 000 kube kanye kubaxhamli abafanelekileyo ngokwekhrayitheriya ngeli xesha lokumiswa ngxi kweentshukumo. Oku kwenzelwa kuphela eli xesha lokumiswa ngxi kweentshukumo.

Kuyimfuneko ukusetyenziswa kwekhrayitheriya ukuqinisekisa ukuba abona bantu basesichengeni bafumana uncedo kuqala.

Yeyiphi inkqubo elandelwayo liSebe loPhuhliso loLuntu eNtshona Koloni ukuhambisa iipasile zokutya?

1. Izicelo zeepasile zokutya zifunyanwa ngawo onke amaziko oncedo ngomnxeba, ngabaphathi boomasipala, ziiarhente zoncedo loluntu, okanye ziiNPO ezibhalisiweyo zize zithunyelwe koonontlalontle.

2. Baze emva koko oonontlalontle bavavanye ngomnxeba umntu ngamnye ukuqinisekisa ukuba bayayifezekisa ikhrayitheriya imiselweyo.

3. Kwakhona baza kuyihluza base byithelekise i-ID yomntu neenkcukacha zomntu ezikwidatha yakwa-SASSA ukujonga ukuba ingaba umntu uyayifumana na indodla okanye ukutya kwaSASSA.

4. Ukuba umntu lowo uyayifezekisa ikhrayitheriya, isebe liza kuqhagamshelana naye, lize limnikwe iinkcukacha zokuba uza kuziselwa nini ukutya.

Ngubani ofanelekileyo ukuba afumane iipasile zokutya ezihanjiswa liSebe loPhuhliso loLuntu eNtshona Koloni, likunye namahlakani alo axhaswe ngemali, ngeli xesha lokumiswa ngxi kweentshukumo?

URhulumente weNtshona Koloni wenza ukuba makubekho ingxowamali yamaxesha kaxakeka ukubonelela ngeepasile zokutya kwabo bahlelelekileyo ngeli xesha lokumiswa ngxi kweentshukumo. Sisebenzisa le khrayitheriya ilandelayo ukufumanisa ukuba ngubani oyena usesichengeni nokufaneleyo ukufumana ipasile yokutya:

- Amakhaya achatshazelwe lulosuleleko lweCOVID-19 kwezi meko zilandelayo:
  - Amalungu/lungu lsapho elifunyaniswe linale ntsholongwane kwaye livalelwe lodwa kwikhaya lalo.
  - Ikhaya apho ilungu losapho elikuvavanyileyo intsholongwane kwaye lafumana iindlela ezoneleyo zokuzondla ngexesha lokuvalwa.
- Umntu okunyango okanye onesigulo esinganyangekiyo kwaye akanazindlela zoneleyo zokuzondla kwaye uye wavavanywa kwaye uthunyelwe kwikliniki yengingqi okanye ngugqirha obhalisiweyo.
- Umntu nendlu yakhe ongenazo iindlela zokuzondla ngeli xesha lokumiswa ngxi kweentshukumo ovavanyiweyo kwaye wathunyelwa yi-arhente yokunceda abantu ebhalisiweyo, liSebe loPhuhliso loLuntu, yiNPO ebhalisiweyo okanye ngumphathi kamasipala. Kule meko, kuza kuqalwa ngabantu abengekayamkeli indodla yakwaSASSA, kuquka abantu abadala, izindlu ezikhokelwa ngabantwana abangenabazali kunye nabaxhamli abasalindele indodla.

NGUBANI ENDINOKUQHAGAMSHELANA NAYE UKUFUMANA IINKCUKACHA EZITHE VETSHE?

Ukuqhagamshelana noSASSA malunga nokufuman' uncedo, tsalela ku-0800 60 10 11 okanye 021 469 0235, okanye ngale imeyili grantenquiries@sassa.gov.za.

Ukuqhagamshelana noRhulumente weNtshona Koloni malunga neepasile zakhe ezimbalwa zokutya kweemeko zikaxakeka (nceda ujonge ikhrayitheriya) tsalela ku-0800 220 250, okanye uthumele u-please call me ku-079 769 1207 okanye uthumele i-imeyili service@westerncape.gov.za.

Nceda uqaphele ukuba sifumana umthamo weminxeba ophezulu kakhulu .

URhulumente weNtshona Koloni

UKUFUMANA EZINYE IINKCUKACHA:
www.westerncape.gov.za/coronavirus